- Ukutya umz. oonovenkile, iiweyitara, umbhaki, umfama
- Iinkonzo umz. umakhi, umntu olungisa imibhobho yamanzi, umlungisi wombane, umpeyinti

Qaphela: Khumbuza abafundi ukuba indoda okanye umfazi angakhetha ukwenza nawuphi umsebenzi.

Isihloko: Amanzi - liyure ezi-2

- Izinto ezidadayo nezizikayo
- Izinto ezihlala emanzini
- Ukuxuba izinto ezahlukileyo emanzini ukutshintsha imbonakalo yazo
- Ukugalelwa nokuthatha umlinganiselo wamanzi
- Ukulondoloza amanzi

Isihloko: Iziqhamo - liyure ezi-2

- Iintlobo ezahlukileyo zeziqhamo
- Iincasa nendlela ezivakala ngayo esandleni iziqhamo
- Apho zivela khona iziqhamo
- Imibala neemilo zeziqhamo

Isihloko: Imifuno - liyure ezi-2

- Iintlobo ezahlukileyo zemifuno
- Iincasa nendlela evakala ngayo esandleni imifuno
- Apho ivela khona imifuno
- Imibala neemilo yemifuno

Isihloko: Imveliso yobisi - liyure ezi-2

- Iimveliso zobisi nezilwanyana eziphuma kuzo
- Indlela esiyifumana ngayo ibhatha/ibhotolo

Isihloko: Imveliso yoboya - liyure ezi-2

- Ifama yeegusha
- Apho buvela khona uboya
- Imisebenzi yoboya

Isihloko: Indawo yokuhlala esempilweni - liyure ezi-2

- Ukubaluleka kwendawo ecocekileyo
- Iindlela abantu abayingcolisa ngayo indalo
- Ukubaluleka kokusebenzisa izinto kwakhona

Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo - liyure ezi-2

IKOTA YESI-4 IBANGA LABAQALAYO		
ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo	**Iiyure ezingama-20** (iiyure ezi-2/ngeveki)	**Imithombo yolwazi ecetyiswayo** Ukongeza kwimithombo eqhelekileyo yezaKhono zoBomi uya kufuna: • Itafile yezinto ezinomdla entwasahlobo • Ithala leencwadi/iincwadi zolwazi • Imifanekiso

- Ukwenza imisebenzi yesiqhelo nemisebenzi yokudlala ngokukhululekileyo ngaphakathi naphandle njengoko kubonisiwe kwiCandelo lesi-2.
- Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa luluntu mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo apha kwikota. (Iiyure ezimbini ngekota zibekelwe oku)

Isihloko: Intwasahlobo - Iiyure ezi-2

- Imozulu yasentwasahlobo
- Indlela echaphazeleka ngayo indalo
- Indlela ezichaphazeleka ngayo izilwanyana
- Indlela abachaphazeleka ngayo abantu - umz. esikutyayo, esikunxibayo, esikwenzayo, imidlalo esiyidlalayo

Isihloko: Iintaka - Iiyure ezi-2

- Iintlobo ezahlukileyo zeentaka
- Iimpawu zentaka - iintsiba, amanqina amabini, umlomo ontshuntshu, ukubeka amaqanda
- Iintaka ezingakwaziyo ukubhabha - inciniba, unombombiya (iphengwini)
- Izindlu zentaka

Isihloko: Izirhubuluzi - Iiyure ezi-2

- Izirhubuluzi ezahlukileyo - umz. ingwenya, inyoka, icilikishi
- Iimpawu zezirhubuluzi - zinegazi elibandayo, umzimba orhabaxa, zizalela amaqanda
- Phanda banzi malunga nesirhubuluzi esinye ubuncinane

Isihloko: Iidayinaso - Iiyure ezi-2

- Iidayinaso ezahlukileyo
- Indlela ezaziphila ngayo iidayinaso
- Indlela esazi ngayo ngeedayinaso kule mihla

Qaphela: Sebenzisa iincwadi zemifanekiso ezisuka kwithala leencwadi

Isihloko: Izilwanyana zasendle - Iiyure ezi-2

- Yintoni isilwanyana sasendle?
- Iintlobo zezilwanyana zasendle
- Apho zifumaneka khona izilwanyana zasendle
- Indlela eziphila ngayo izilwanyana zasendle

Isihloko: Ukuphanda banzi ngesilwanyana sasendle esinye - liyure ezi-2

- Ukukhetha isilwanyana sasendle esinye ekuza kufundwa ngaso
  - Imbonakalo yeso silwanyana
  - Apho sihlala khona
  - Into esiyityayo
  - Abantwana baso nalapho bazalelwa khona
  - Ulwazi olongezelelweyo olunomdla

Isihloko: Imidlalo - liyure ezi-2

- Umdlalo endiwuthandayo
- Isizathu sokuba imidlalo ilandele imigaqo ethile
- Isizathu sokuba kundilungele ukudlala imidlalo

Imnyhadala neentsuku ezikhethekileyo - liyure ezi-2

Ukubethelelwa kwezihloko nokuhlola - liyure ezi-4

3.2 Izicwangciso zokufundisa

IKOTA YOKU-1 IBANGA LABAQALAYO		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswano** Jonga kwizixhobo zezaKhono zoBomi ezidweliswe kwiCandelo lesi-2

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe kwikota yoku-1. Chonga izihloko zezaKhono zoBomi ezifanelekileyo kule kota ukunika imeko yezifundo kwezobugcisa obenziwa eqongeni nobugcisa bokubonwayo

Ubugcisa obenziwa eqongeni/ukulinganisa - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukuzifudumeza nokuphefumla besebenzisa iintshukumo zemihla ngemihla, ezinjengokuvuka unxibe,-ukuzolula, ukuzisonga, ukuzibhija-bhija, ukuzishukumisa,ukunqumla kumgca ophakathi
- Ukuphuhlisa ukuqonda isithuba: imidlalo yokuzikhenkcisa, ukufumana esakho isithuba ungagilani nabanye
- Ukugcina isingqi: ukudlala imidlalo enesingqisho efana nokuqhwaba izandla, ungqishe, ukubetha ngezandla usebenzisa izingqisho nesantya esahlukileyo
- Ukuphononga umculo, intshukumo nelizwi: kugqalwe kwisantya: esikhawulezayo nesicothayo
- Ukucula iingoma ezihamba nentshukumo yamalungu omzimba awohlukileyo ukutolika ingoma
- Ukusebenzisa ilizwi ngokuzenzekelayo nentshukumo kwizicengcelezo namabali
- Ukupholisa umzimba nokuphumla (umz. Umdlalo wokunyibilikisa i-ice cream).

Ukuqamba nokutolika

- Ukuqamba amabali abhekisele kwizinto esizicingwayo ezimangalisayo okanye kumava akho obomi usebenzisa ilizwi (ukucula/ukuthetha), intshukumo, umculo, impahla yeqonga/izinto nobuchule bedrama nenkqubo yokwenziwa kwedrama.
- Ukuvakalisa imo nezimvo usebenzisa intshukumo nengoma (umz. ingonyama enoburhalarhume, impuku elambileyo).
- Ukuphononononga uvakalelo ngokulinganisa amabali, isingqisho neengoma (umz. ‘ukukhokela imfama’, ukuva ubunjani bezinto ezahlukileyo).

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukuzoba nokunika ingcaciso eyeyakho ngemizobo usebenzisa isihloko seveki usebenzisa iikhrayoni, nezinye izinto zokuzoba
- Ukupeyinta: ukusebenzisa ipeyinti exutywe kwangaphambili okanye i-inki eyimibala okanye iidayi zemibala engundoqo nemibala exutyiweyo ukujongana nesihloko seveki
- Izixhobo zobugcisa: amava angekho sesikweni nokusetyenziswa kweemilo ekuzobeni nasekupeyinteni
- Imithetho esisiseko yokuyila: ukusebenzisa ukuthelekisa (encinci/enkulu, ende/emfutshane) ekuzobeni nasekupeyinteni
- Ukwahluka ngokobukhulu bamaphepha nesakhiwo: ukukhuthaza ukusebenza kwimilinganiselo eyahlukileyo

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)

- Ukunxibelelana kwemisipha emincinane nemizwa (iliso-isandla-nengqondo) ubuchule bokusebenzisa isikere nezinye izixhobo

Uncwadi olubonwayo (malwenziwe ikota yonke)

- Ukuxela amagama eemilo yomsebenzi wakho

IKOTA YESI-2 IBANGA LABAQALAYO		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Bhekisela kwizixhobo zezaKhono zoBomi ezidweliswe kwiCandelo lesi-2

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe kwikota yesi-2. Chonga isihloko sezaKhono zoBomi ezifanelekileyo kule kota ukunika umxholo wesifundo sezobugcisa ezenziwa eqongeni.

Ubugcisa obenziwa eqongeni/ - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukuzifudumeza besebenzisa imisebenzi yemihla ngemihla efana nale ‘ukucoca izihlangu’, ukondlula ibhedi’
- Ukuqonda umzimba uphonononga isithuba nezalathisi umz. Inkulu/incinci, iphakamile/isezantsi, ikude/ikufutshane
- Umculo,ilizwi ezihamba neentshukumo, ezigqale kwintshukumo ezithile ezifana nokukhwaza,ukusebeza, ukomelela nobunono
- Iingoma zakwaNtu, imidlalo enesingqisho, izicengcelezo kusetyenziswa iintshukumo ezahlukileyo (ukukhwaza,ukusebeza, ukomelela ubunono) nokuqhwaba kwakunye nokungqisha
- Ukusebenzisa iintshukumo ezifana nokuxhuma, ukuqakatha ngelixa kusabelwana ngesithuba ngaphandle kokugilana
- Izakhono zokuphula phula: ukulandela izalathiso, izikhokelo, amabali, izicengcelezo neengoma ezifana nezi ’, zikhenkcezise‘phezulu’, ‘phantsi’

Ukuqamba nokutolika

- Ukutolika ingoma zakwaNtu kusetyenzisa iintshukumo ezifana nezi, ukusebeza, ukukhwaza njl-njl
- Ukwenza imeko ezithile zikholeleke ngokulinganisa ,ezicingiweyo nezisekelwe kumava obomi bakho
- Ukuyila nokulinganisa izandi emabalini umz. isandi seenyosi, ihashe elibalekayo, isandi sikaloliwe
- Izalathiso: imigangatho (phezulu, phakathi, ezantsi) neemilo eziphononongwe ngeentshukumo ezithile eziyiliweyo namabali
- Ukulinganisa usebenzisa amabali emveli akhoyo, imibongo, izicengcelezo ezinesingqisho okanye iingoma njengezinto zokuvuselela.
- Ukusebenzisa izinto okanye impahla yeqonga ngokuyilayo, imidlalo nomculo

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukusebenzisa iimilo zobugcisa nokungekho sesikweni nemibala ukuzoba nokupeyinta ngobhekisele kwisihloko seveki
- Ukusebenza ngobukhulu obahlukileyo ukwandisa ukuqondwa kweenkcukacha
- Ukutolika amalungu omzimba ngokuzoba nokupeyinta.
- Ubuchule bokushicilela obulula usebenzisa izinto ezifana neziciko zeebhotile, amatye, amagqabi, izandla

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) ukwakha

- Izakhono zobugcisa nobuchule : ukusika, ukuncamathisela, ukukrazula
- Ukusebenzisa udongwe lokudlala ukubumba ngokukhululekileyo: ukwenza imilo, ukujika-jika ukuqengqa

Uncwadi olubonwayo

- Ukujonga nokuthetha ngemizobo esencwadini: ukuxela iimilo nemibala esencwadini, uchaza uthelekisa enkulu/encinane, ende/emfutshane kwimizobo esencwadini

IKOTA YESI-3 IBANGA LABAQALAYO		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20 eeyure**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Bhekisela kwizixhobo zezaKhono zoBomi ezidweliswe kwiCandelo lesi-2

Umxholo ongezantsi mawenziwe kwikota yesi-3. Chonga izihloko zezaKhono zoBomi ezifanelekileyo kule kota ukunika umxholo wesifundo kwezobugcisa ezenziwa eqongeni.

Ubugcisa obenziwa eqongeni/ukulinganisa - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Iintshukumo zokuzifudumeza besebenzisa intshukumo kumabali njengendlela yokuvuselela umdla
- Ukuqakadula kwehashe usebenzisa isingqi kunye nentshukumo
- Umculo, ilizwi nentshukumo, kugqalwe ekuphakameni kwelizwi : phezulu,phantsi
- Ukusebenzisa isixhobo ezibethanayo ukugcina isingqisho nokuphuhlisa isakhono senyumerasi ngokubala
- Ukusebenzisa ukubetha umzimba okanye izixhobo ezibethanayo ukwenza iipateni zesingqisho ezilula.
- Ukuqonda isithuba ngeentshukumo kusenziwa iimilo,izangqa nemigca
- Izijekulo nenkangeleko yobuso ukubonisa uvakalelo, umz. ‘Uqumbile’, ‘wonwabile’
- Ukupholisa umzimba nokuwuphumza: umz. Ukudada emanzini okwegqabi

Ukuqamba nokutolika

- Iingoma: ukugqala ekuphakameni kwelizwi umz. ‘Imvula, imvula (isezantsi), chapha, chapha (inyukile) imanzi ilokhwe yam’ (isezantsi)
- Isingqisho: inowuthsi ezinde nezimfutshane kusetyenziswa ukubethana komzimba
- Ukubonisa iimeko ezikholelekayo ngokulinganisa okanye amava obomi kusetyenziswa intshukumo nengoma
- Izinto eziphathekayo ukubonisa ezinye izinto kwimidlalo, umz. Ukusebenzisa itoti njengesixhobo sokwenza umculo

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezimacala-mabini (2D)

- Ukuzoba nokupeyinta ngokukhululekileyo ubhekisele kwisihloko seveki
- Ukuzixubela ipeyinti ukuya kwiqondo elithile lokujiya
- Ukuyekelela umzimba ngokukhululekileyo kwintshukumo: ukuxhuma, ukubaleka, ukulala, nezinye
- Ukusebenza ngeemilo nobukhulu obahlukileyo kunye namaphepha, iibrashi ezinobukhulu obahlukileyo ukuze basebenze ngenkcukacha ezongezelelweyo

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3 D) (ukwakha)

- Ukuyila ngokukhululekileyo usebenzisa uluhlu lwezixhobo: iibhokisi ezincinci, izinto ezisele zisetyenzisiwe enjengamaqhosha, iibhokisi zamaqanda, iikhadibhodi nezinye izinto.
- Ukukhuthaza ukuphuhliswa kwezakhono ngokuphononga izixhobo zokusebenza
- Ukusebenzisa udongwe lokudlala ukuphucula imisipha emincinci ; ukuqengqeleka ukutsweba nokudibanisa

Uncwadi olubonwayo

- Ukujonga nokuthetha ngemibala neemilo zemifanekiso neefoto
- Ukuphendula imibuzo ubonisa ukuqonda imibala neemilo

IKOTA YESI-4 IBANGA LABAQALAYO		
EzobuGcisa	**Iiiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Bhekisela kwizixhobo zezaKhono zoBomi ezidweliswe kwiCandelo lesi-2

Umxholo ongezantsi mawenziwe kwikota yesi-4. Chonga izihloko zezaKhono zoBomi ezifanelekileyo kule kota ukunika umxholo wesifunda sezobugcisa ezenziwa eqongeni.

Ubugcisa obenziwa eqongeni - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Iintshukumo zokuzifudumeza besebenzisa amanqanaba (phezulu, phakathi nasezantsi) ezinjengokuleqa ubambe emoyeni, ukurhubuluza okomnyiki, utyibiliko, njl.
- Ukwenza iimilo ngomzimba ugqale kwisangqa nezikwere
- Ukuma ngomlenze omnye njengengwamza, intyatyambo iphephezela emoyeni, ukuhamba phezu kwentambo, njl.
- Ukupholisa umzimba nokuwuphumza: umz. Igqabi liphephezela emoyeni

Ukuqamba nokutolika

- Ukubebezelisa imilebe ngokungathi utya umkhenkce, ukubhaka amaqebengwana, ukutyala nokunkcenkceshela imbewu, njl.
- Ukumamela ibali, ulitolike indawo ezithile ebalini usebenzisa imbonakalo yobuso, iintshukumo nezandi ezifanelekileyo
- Ukuqonda isithuba ngentshukumo ekhatshwa zizandi njengokuhambo ngemoto, ngenqwelo-moya, uloliwe, ibhasi, itekisi nebhayisikile, njl.

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukuzoba nokupeyinta ngokukhululekileyo ubhekisele kwisihloko seveki
- Ukusetyenziswa kweepateni zemizobo ngenjongo; ukuqonda iipateni ezikungqongileyo
- Ukusebenzisa imibala ukwakha iipateni
- Ubuchule bokushicilela okulula ukwenza iipateni ezingekho sikweni

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)

- Ukuphuhlisa izakhono zobugcisa kunye nemisipha emincinci ; ukuqhina, ukusongela nezinye
- Ukusebenzisa udongwe lokudlala ukuyila, ukutsweba, ukutsala, ukuqengqa amasuntswana
- Ukubumba ngodongwe ngokungekho sikweni

Uncwadi olubonwayo

- Ukuxela imibala neemilo ngendlela echanekileyo (imibala ekhanyayo nengakhanyiyo, iimilo ezilula zejiyometri) nokuthelekisa ngokuphendula imibuzo

IKOTA YOKU-1 IBANGA LABAQALAYO		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezimiselekileyo kwizaKhono zoBomi uya kufuna nezi zilandelayo: Amakhuni, amaplanga, amatayara, iibhola, iibhin-bhegi , izinto zokudlala ezinamavili ezinokusetyenziswa ngexesha lokudlala ngokukhululekiyo. Iziphawuli zendlela, ijangili jim, imiqobo yokuziqeqesha; umculo

Intshukumo/Ukuhamba

- Ukuhamba nokubaleka kumacala ohlukeneyo bengangqubani
- Ukubaleka macala omane
- Ukubaleka ujikeleza iziphawuli zendlela ezimbini
- Ukubaleka ngokuquqa ujikeleza iziphawuli zendlela ezibini
- Ukungenzi ntshukumo ngamalungu okuhamba , usebenzisa uvakalelo: abafundi bathubeleza kwiimbobo, besenza imizimba yabo ibe 'mide', 'mifutshane' 'phakathi'

Ukuqonda intshukumo

- Ukusebenzisa imizwa: ukuqwalasela imiqobo umz : ukutsiba, ukubaleka, ukugibisela,ukukhwela. Abafundi mabaqwalasele ukuba kwenzeka ntoni
- Ukusebenzisa uvakalelo lokubamba: ukubaleka ujikeleza uze ubambe izinto kwibala lokudlala, emadongeni, isikhondo somthi, isakhelo sejangili jim amatye, njl. Bathi bafunde indlela evakala ngayo imiphezulu eyahlukileyo.
- Ukusebenzisa uvakalelo lokubamba: ukudlala impumputhela, abafundi bafumana izinto ngokuziphuthaphutha, umz. Iibhin-bhegi , iiplastiki neebhola njl.

Isingqisho

- Ukutsiba udibanise iinyawo uphinde umana ukuzitshintsha-tshintsha
- Ukusebenzisa uvakalelo lokuva: ukudlala undize kubekho ozimelayo, ukubetha intsimbi ukuze abanye balandele isandi
- Ukusebenzisa uvakalelo lokuva: badlala ngezinto ezenza isandi ezifana neziciko zeebhotile ezirhintyelwe emilenzeni ukwenza isandi bexhuma-xhuma okanye behamba ngokwesingqisho esithile.

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukujula nokubamba iibhin-bhegi
- Ijangili jim - ukuhamba ubambelele ngeengalo
- Ijangili jim- ukhwela ileli

Ukuxhathisa

- Imidlalo yokuphepha ngesithinteli utshintsha-tshintsha amacala
- Ukuchonga iindlela ezahlukileyo zokunqumla kwamaplangaokuxhathisa
- Ijangili jim- ukuxhathisa kwindawo esezantsi
- Ukuxhathisa ngonyawo olunye kwimidlalo eyahlukileyo

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukubaleka kumacala awohlukileyo ningangqubani nabanye nisebenzisa sonke isithuba eninaso
- Iimilo ezahlukileyo: isangqa, isikwere, idayimane

- Ukutsiba ngaphaya nokuthubeleza ngaphantsi, ukukhasa, ukuxhuma-xhuma, njl.
- Ijangili jim, ukukhasa nokuthubeleza kwizakhelo usebenzisa amalungu omzimba awohlukileyo

Icala

- Imisetyenzana esebenzisa icala lomzimba elingasebenzi kakhulu umz.jika ekhohlo,sebenzi isandla sasekhohlo/ sasekunene
- Ukulala phantsi …. ku uziqengqa ngamacala , ekhohlo/ekunene

Iindidi zemidlalo

- Undize
- Imidlalo usebenzisa zonke iindidi zemizwa, ukudlala emanzini ngezixhobo ezahlukileyo zeplastiki

IKOTA YESI-2 IBANGA LABAQALAYO		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisemiselekileyo kwizaKhono zoBomi siya uya kufuna nezi zilandelayo: Izixhobo zokulinganisa, umculo, iibhola, iibhinbhegi, iintambo, ijangili jim

Ukuhamba

- Amalungu omzimba: bacula iingoma nezicengcelezo befunda ngamalungu omzimba anjengala: intloko, igxalaba, intamo, isifuba, isinqe, imilenze, amadolo, iinzwane, umlomo, isilevu, ingqiniba, isihlahla, iminwe neenyawo
- Ukubaleka ubheka phambili uphinde ubuye umva
- Ukubaleka ngokukhawuleza nangokucotha

Ukuqonda intshukumo

- Imiqobo elula umz. Ukutsiba, ukubaleka, ukukhasa, ukutshebeleza ngesisu, ukukhwela, njl.
- Ukuqengqela ibhola enkulu kumlingane wakho naye ayibuyisele
- Ukutyhala ibhaluni

Isingqisho

- Ukusebenzisa umculo okanye ukubetha umzimba, ukuchonga amalungu omzimba nokushukuma ngesingqi ngokomyalelo, umz. Chukumisa iinzwane…. Chukumisa intloko. … Chukumisa impumlo

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukujula nokubamba iibhinbhegi
- Ijangili jim - ubambelele ngeengalo ,ujinga, utshele kwintambo ethe tyaba
- Ijangili jim- ukhwela uphinde uhle ngeleli yejangili jim

Ukuxhathisa

- Amalungu omzimba: ukusebenzisa iibhinbhegi ulinganisa utitshala apho abeka khona ingxowa, umz. ukuhamba uthwele ingxowa yeembotyi entloko ungayibambanga (ukungcekelela); Ukubeka ingxowa edolweni (ekunene/ekhohlo) logama uxhathisile ngomlenze omnye, uyibeke emagxeni (ekunene/ekhohlo) njengokuba uhamba
- Ukuxhathisa :hamba emgceni; xhathisa kwiindawo ezisezantsi

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukubaleka kumacala awohlukeneyo ngokomyalelo katitshala nisebenzisa sonke isithuba eninaso
- Iimilo ezahlukileyo: isangqa, ukubaleka ujikeleza
- Ukutsiba ngaphaya nokuthubeleza ngaphantsi, ukukhasa, ukukhwela, ukuxhuma-xhuma, njl.
- Ijangili jim, ukukhasa nokuthubeleza kwisakhelo usebenzisa amalungu omzimba

Icala

- Amalungu omzimba - ukubaleka - uwe ngobuso phantsi, ulale phantsi…ukuziqengqa ngemiqolo nangamacala -ekhohlo/ sekunene
- Ukubheka emacaleni (ekhohlo/ekunene)

Iindidi zemidlalo

- Ukugibiselana iibhinbhegi /iibhola kwisikhongozeli
- Ukuyibhampisa, ukuganga nokujula

IKOTA YESI-3 IBANGA LABAQALAYO		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi siya kuthi songeze nezi zilandelayo: Iibhola, iziphawuli zendlela, iintambo, iiribhoni, amatayari, amatye

Intshukumo/Ukuhamba

- Ukubaleka nokuhamba kumacala ohlukeneyo
- Ukuhamba, ukumatsha, uxhuma-xhuma, ukugqabadula nokuqengqeleka, ukutsiba-tsiba
- Ukungahambi: ukugoba, ukuzolula ngokweemilo ngeemilo

Ukuqonda intshukumo

- Indlela enemiqobo elula umz. Ukutsiba, ukubaleka, ukuphosa, ukukhwela, njl.
- Ukutsiba-tsiba kugqaphu
- Ukutsiba ngaphaya kwesithinteli esisezantsi umz. Intambo esezantsi
- Ukutsiba umgama omde emhlabeni

Isingqisho

- Ukutsiba ngeenyawo zombini umana ukuzitshintsha-tshintsha
- Usikhoji olula, umtsi omnye uye kuthi gxada kube kanye; imitsi emibni uye kuthi gxada kube kanye

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukujula nokubamba iibhinbhegi
- Ijangili jim - uhamba ubambelele ngeengalo utshele kwintambo ethe tyaba
- Ijangili jim-Ukugwencela ukhwela ileli

Ukuxhathisa

- Ukukhwela kwizinto ezingaphakamanga ezinjengamatayara, izitulo njl.
- Ukuxhathisa: Ukuhamba entanjeni, ukuhamba ematayareni, isiqu somthi, amaplanga, amatye, njl.
- Ukuchonga iindlela ezahlukileyo zokuhamba kumaplanga,ukutsiba nokwehla (ugobe amadolo)
- Ijangili jim - ukuxhathisa uhamba phezu kwezinto ezingaphakamanga
- Ukuxhathisa ngonyawo -olu nye olwasekhohlo nlowasekunene

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Izalathiso neendledlana: ukuhamba emgceni othe tyaba, ogobileyo nonamajiko-jiko
- Isantya: ukuhamba ngokukhawuleza, ukumatsha ngokukhawuleza, ukubaleka ngokukhawuleza emgceni othe tye, onamajiko-jiko
- Ukutsiba ngaphaya nokuthubeleza phantsi kwezinto ukhasa, ugwencela,utsiba
- Ijangili jim: ukukhasa, ukuthubeleza kwisakhelo usebenzisa amalungu omzimba

Icala

- Uhamba ngamacala ekhohlo/ekunene kwiindledlana ezithe tyaba, ezinamajiko-jiko
- Ukuxhumaxhuma ngonyawo lwecala elingasebenzi kakhulu

Imidlalo

- Iinyamakazi nabazingeli, ikati nempuku, umvolufu negusha, bamba umsila njl

IKOTA YESI-4 IBANGA LABAQALAYO		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Imiqobo emayisetyenziswe, iimpempe, iindidi zeebhola, amaphepha-ndaba, amabhethi (amaphini omdlalo weqakamba), njalo njalo.

Intsukumo/ ukuhamba

- Imiqobo yokuziqeqesha: Ukugcina intshukumo yabo, abafundi baqala ngemisebenzi yokuqala baze xa besenza owokugqibela bakhumbule ukuba kufuneka benze ntoni kwisikhululo ngasinye.
- Ukuhamba kwindawo ezahlukeneyo usebenzisa isantya esahlukileyo, kuquka ukuma kwimiyalelo, okanye ukwenza intshukumo entsha
- Amalungu angengawo awokuhamba: ukuzibhija-bhija, ukuzijija, ukuzitwabulula/ ukuzolula, ukugoba

Ukuqonda intshukumo

- Ukusebenzisana kweliso nesandla: ukujulela ibhola enkulu kulonto ujolise kuyo, ukuqengqa ibhola encinci
- Ukuganga ibhola enkulu; ephakathi nencinci kwimigama eyahlukeneyo okanye imiphakamo eyahlukeneyo
- Abalingane, babhampisa ibhola, bagange ibhola enkulu
- Ukubetha ibhola : ngomphakathi wesandla, ukubetha ibhaloni, ibhola enkulu, ukuqhubekeka nebhola yomnyazi

Isingqisho

- Ukusebenzisa iingoma ezihamba nentshukumo; abafundi balinganisaintshukumo katitshala - iintshukumo eziqukaukumatsha, ukuqabadula, ukuxhuma-xhuma, ukutsiba-tsiba, ukujikeleza nokuxhathisa

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukusebenzisana kweliso nesandla: ukubhampisa ibhola enkulu; ephakathi nencinci
- Ukujula nokubamba iibhin-bhegi ngezandla zombini; esasekunene okanye esasekhohlo
- Ukujula iibhin-bhegi emngxunyeni kumgama ongangeemitha ezimbini
- Ukubetha ibhola : ukusebenzisa ibhethi (iphini leqakamba) leplastiki nephepha-ndaba elenziwe layibhola
- Ukusebenzisana kwesandla nonyawo: ukubulisana besebenzisa iinyawo, ukubaleka nebhola ngokuyikhaba njalo kancinci usebenzisa unyawo lwasekhohlo nolwasekunene; uyikhabele kuloo ndawo ufuna iye kuyo

Ukuxhathisa

- Ukuhamba phezu kweentambo ezibekwe phantsi; amatayari; ukuxhathisa utshintsha-tshintsha imilenze
- Imidlalo, abafundi behamba phezu kweetoti, (iitoti zejem) eziqhinwe ngeentambo ezinyaweni , ukubamba iintambo ngezandla ngenjongo zokuxhathisa

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Imidlalo yeembobo, oko kukuthi. ukukhasa ngemilenze nilandelelana kwiitonela nitshintshana ezifana namavili eemoto, oohulahuphu, nemigqomo

Icala

- Imisetyenzana kusetyenziswa icala lomzimba elingasebenzi kakhulu
- Imisetyenzana yokuziqengqa, ulele emgangathweni ze uqengqelekele ekhohlo okanye ekunene

Iindidi zemidlalo

- Ukulandela imiyalelo yokuhamba, ukubaleka, ukutsibatsiba, nokukhwela, njalo njalo.
- Ukuhamba ngesangqa nibambene; benze isangqa esikhulu, okanye iizangqa eziliqela betshintsha icala abaya ngakulo
- Imidlalo yokubetha ibhola encinci betyhala ibhaloni njalo njalo

IBANGA LOKU-1

IKOTA YOKU-1 IBANGA LOKU-1		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-20** (Iiyure ezi-2/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi uya kuthi sisebenzise nezi zilandelayo: • Itshati yemo yezulu

- Ukwenza imisetyenzana eyenziwa rhoqo ekhankanywe kwicandelo lesi-2 ngokukhululekileyo ngaphakathi nangaphandle
- Ukusebenzisa ikhalenda yeklasi ukuxoxa ngosuku nangenyanga unyaka wonke
- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Mna - Iiyure ezi-6

- Iinkcukacha ngawe - umz. igama, idilesi, iinombolo zeminxeba, umhla wokuzalwa
- Sonke sibalulekile kwaye sisithi andifani nomnye
- Izinto endikwazi ukuzenza
- Ndifana njani nabahlobo bam
- Ndahluke njani kubahlobo bam

Isihloko: Esikolweni - Iiyure ezi-4

- Igama lesikolo, letitshala nelenqununu
- Zifumaneka phi ezi ndawo apha esikolweni - igumbi langasese, i-ofisi, ibala lokudlalela
- Imithetho nezinto ezenziwa rhoqo kwigumbi lokufundela
- Ndiya njani esikolweni

Qaphela: Abafundi mabazinikele ekuthatheni inxaxheba kwizinto ezenzeka kwigumbi lokufundela, kodwa utitshala makaqiniseke ukuba bonke abafundi banikana amathuba kuloo kota.

Isihloko: Iindlela zokuphila ezisempilweni - Iiyure ezi-4

- Ukulala
- Ukutya ukutya okusempilweni
- Ukusebenzisa igumbi langasese ngokufanelekileyo
- Ukuhlamba izandla
- Ukuzigcina ucocekile
- Iinwele, amazinyo neenzipho
- Ukuhlamba rhoqo
- Ukuzilolonga rhoqo nokudlala
- Musa ukuchitha ixesha elininzi kumabonakude

Isihloko: Imozulu - Iiyure ezi-4

- Itshati yemozulu yonke imihla
  - Ukujonga imozulu rhoqo
  - Kushushu, kuyabanda, kunomoya, kunamafu, kuyatshisa, kunkungu, kuyanetha
  - Iisimboli zokuchaza imozulu/ ubume bezulu kwitshati
- Imozulu nathi - iquka impahla, ukutya nemisebenzi

Qaphela: Itshati yemozulu mayihlaziywe unyaka wonke. Cacisela abafundi ukuba kungani kungafanelenga ukuba bajonge ngqo elangeni.

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - Iiyure ezi-2

IKOTA YESI-2 IBANGA LOKU-1		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-20** (Iiyure ezi-2/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi uya kusebenzisa nezi zilandelayo: • Imifanekiso ebonisa iintlobo ngeentlobo zosapho/ zamakhaya • Imizekelo ebonisa izinto ezinobungozi/eziyityhefu • Imizekelo yezinto zokuvuselela uvakalelo: ukurhwexa, incasa,ukuva, amavumba • Itshati ebonisa amalungu omzimba

- Ukwenza imisetyenzana eyenziwa rhoqo ekhankanyiweyo kwicandelo lesi-2 ngokukhululekileyo ngaphakathi nangaphandle
- Ukusebenzisa ikhalenda yeklasi ukuxoxa ngosuku nangenyanga unyaka wonke
- Ukujonga rhoqo itshati yemozulu
- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Usapho lwam - Iiyure ezi-4

- Yintoni usapho
- Amalungu osapho - usapho lwakho ngqo nolo longezelelweyo
- Ukukhathalelana ekhaya

Qaphela: Abafundi bavela kumakhaya amaninzi awahlukeneyo. Qinisekisa ngoqukaniso.

Isihloko: Ukhuseleko emakhaya - Iiyure ezi-4

- Iingozi emakhaya
  - Xa kuphekwa
  - Xa kuhlanjwa
  - Umbane wezulu nombane osetyenziswayo
  - Kwiindawo ezingaphandle
  - Amayeza
  - Iityhefu ezinokubakho - iintlobo ze baqonde/ banakane isimboli ezilumkisayo
- Ukuzigcina ukhuselekile xa uwedwa ekhaya
- Ikhadi elineenombolo zikaxakeka / zaxa usengxakini

Isihloko: Umzimba wam - Iiyure ezi-6

- Amalungu omzimba wam awahlukeneyo
- Amalungu omzimba wam awahlukeneyo ashukumayo
- Amalungu omzimba wam endingawaboniyo - aquka imiphunga, intliziyo, isisu, ingqondo, amathambo
- Amalungu amahlanu ovakalelo / iindidi zemizwa zontlanu nemisebenzi yawo - ukubamba, ukunukisa,ukuva, ukubona nencasa

Isihloko: Ukugcina umzimba wam ukhuselekile - liyure ezi-4

- Iimeko neendawo ezikhuselekileyo nezingakhuselekanga - ezinjengokulindela isithuthi uwedwa, ukuba wedwa kwiindawo ezineevenkile
- Uvakalelo lokuthi ‘Ewe’ nokuthi ‘Hayi’
- Ukuziqhelisa ukuthi ‘Hayi’
- Ukukhusela imizimba yethu ekuguleni
  - Ukugquma umlomo nempumlo xa ukhohlela okanye uthimla
  - Musa ukuphatha igazi lomnye umntu
  - Ukuhlamba iziqhamo nemifuno phambi kokuba uzitye
  - Ukwenza amanzi alungele ukuselwa

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - liyure ezi-2

IKOTA YESI-3 IBANGA LOKU-1		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-20** (Iiyure ezi-2/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi uya kusebenzisa nezi zilandelayo: • Imifanekiso namabali ngeendawo zoluntu, abantu nezilwanyana zasekhaya • Ikona yendalo/itafile yokuziphandela / yokuzifumanela eneezityalo • Imifanekiso yeezityalo nokutya/iintlobo zokutya neepakethi zokutya

- Ukwenza imisetyenzana eyenziwa rhoqo ekhankanyiweyo kwicandelo lesi-2 ngokukhululekileyo ngaphakathi nangaphandle
- Ukujonga rhoqo itshati yemozulu
- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Uluntu lwasekuhlaleni - Iiyure ezi-4

- Iindawo ekuhlaleni - ukuquka izakhiwo neendawo esidibanela kuzo
- Abantu basekuhlaleni- abantu abandincedayo, abathengisa izinto, nendibaziyo
- Ukujongana namaziko oncedo - umz. iifowuni, izithuthi, izindlu zangasese zikawonke-wonke
- Ukugcina iindawo zicocekile - ukusebenzisa imigqomo singalahli nje

Isihloko: Izilwanyana zasekhaya - Iiyure ezi-2

- Izilwanyana esinokuzifuya emakhaya
- Indlela yokukhathalela izilwanyana emakhaya - kuquka indawo yokuhlala kwazo, ukutya, amanzi, ukucoceka kwazo
- Ukuziphatha kakuhle - umz. ukuzenzisa imithambo, ungadlali ngazo, ungazitshixeli emotweni

Isihloko: Ukuhlonipha noxanduva - Iiyure ezi-2

- Ukubulisa abantu obaziyo nabo ungabaziyo
- Ukulindela ithuba lakho
- Ukumamela abanye
- Ukwabelana
- Ukubonisa ububele
- Ukuthembeka / ukunyaniseka
- Ukuhlonipha abanye abantu nezinto zabo

Qaphela: Umdlalo wokulinganisa. Gxininisa kwintlonipho noxanduva unyaka wonke.

Isihloko: Izityalo nembewu - Iiyure ezi-4

- Kutheni sifuna izityalo - kuquka ukutya, umthunzi, iindawo zokuhlala izilwanyana
- Inkangeleko yezityalo - ingcambu, isiqu, amagqabi neentyatyambo
- Iindidi zezityalo - ukufana nokwahluka kwazo
- Imbewu nemvelaphi yayo
- Zifuna ntoni izityalo ukuze zikhule
- Ukukhulisa izityalo kwimbewu - enjengembotyi okanye ilentile

Isihloko: Ukutya - liyure ezi-6

- Ukutya esikutyayo
- Zivela phi iintlobo zokutya: kwiziqhamo, imifuno, ubisi, inyama
- Ukutya okusempilweni
  - Ukutya okusempilweni nokungekho sempilweni
  - Khetha ukutya okusempilweni nomthamo ofanele ukuwutya
- Ukugcina ukutya - okutsha / okufreshi, okunkonxiweyo, okumisiweyo, okukhenkcezisiweyo

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - liyure ezi-2

IKOTA YESI-4 IBANGA LOKU-1		
Ulwazi olusisiseko ubume obububo kwezokuziphatha nakwezentlalo	**Iiyure ezingama-20** (Iiyure ezi-2/iveki)	**Izixhobo ezicetyiswayo** Ukongeza kwizixhobo ezisetyenziswe kwizaKhono zoBomi uya kusebenzisa nezi zilandelayo: • Imifanekiso yeemephu namabali • Imifanekiso yamakhaya • Imizekelo yeendidi zezixhobo zokwakha • Imifanekiso yenyanga

- Ukwenza imisetyenzana eyenziwa rhoqo ekhankanyiweyo kwicandelo lesi-2 ngokukhululekileyo ngaphakathi nangaphandle
- Ukujonga rhoqo itshati yemozulu
- Ukuhlaziya, ukuhlola, ukunika ingxelo makwenziwe rhoqo (ulwabiwo lwexesha malungqinelane noku)
- Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo ezibhiyozelwa ngabantu ekuhlaleni mazixoxwe ngokokwenzeka kwazo kuloo kota. (Iiyure ezimbini ngekota mazabelwe oku)

Isihloko: Amakhaya - Iiyure ezi-4

- Iindidi zamakhaya - uquka iiflethi, amaxande, amatyotyombe, oongqu-phantsi
- Izindlu ezilungele iimo zezulu ezahlukeneyo
- Amakhaya ethu enziwe ngantoni - aquka iinkuni, udaka, izitena, iinkonkxa /itoti, amatye, amaqweqwe aqinikeyo, iiplastiki

Isihloko: Iimephu zemifanekiso - Iiyure ezi-4

- Ukufumana iindawo nezinto ezikwimephu yomfanekiso
- Ukufumana indlela esuka kwenye indawo uye kwenye (usebenzisa amagama anjengala: jika, gqitha, phezulu, phantsi)
- Ukufumana kwimephu apho iziganeko zenzeka khona ebalini

Qaphela: Imephu yomfanekiso ngumzobo obonisa apho izinto zifumaneka khona endaweni ethile . Imephu yemifanekiso ikhulisa izakhono zendalo , umgama nesithuba

Isihloko: Amanzi - Iiyure ezi- 4

- Imisebenzi yamanzi - ekhaya nasesikoweni
- Iindlela amanzi amoshwa ngayo
- Iindlela zokonga amanzi
- Amanzi okusela afanelekileyo nangafanelekanga
- Ukugcina amanzi ecocekile

Isihloko: Isibhakabhaka ebususku - Iiyure ezi-4

- Ukutshintsha kwemini kungene ubusuku
- Inkangeleko yesibhakabhaka ebusuku
- Inyanga
  - Inkangeleko yenyanga
  - Singayibona kunini inyanga
  - Indlela inyanga etshintsha ngayo imolo yayo
- Iinkwenkwezi
  - Inkwenkwezi itshisa njengelanga (ilanga nalo yinkwenkwezi)

Qaphela: Unganakho ukuyibona inyanga emini. Kuqukaukuqwalasela nemisebenzi yemizobo.

Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo - Iiyure ezi-2

IKOTA YOKU-1 IBANGA LOKU-1		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** • Izixhobo zomculo, ukuquka ezifunyenweyo nezenziweyo • Izixhobo eziviwayo ezinimculo awahlukeneyo • Ipeyinti yemibala engundoqo nexutyiweyo,emhlophe nemnyama i-inki eyimibala, iibrashi namaphepha anobukhulu obahlukeneyo • Ipensile ze2B, iikhrayoni, itshokhwe eyimibala, • Iglu nezinto zokuyifaka • Izinto ezilungele ukushicilelwa: iimilo zejiyometri ezenziwe ngeebhokisi ezisebenzileyo njalo njalo.

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-1. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezifundo zoBugcisa noBugcisa obuBonwayo

Ubugcisa bokwenza eqongeni - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukufudumeza amalungu omzimba umz. ukudlala ipiyano, 'ukuhlamba umzimba' ukuhlukuhla amanzi njalo njalo.
- Indawo ekhuselekileyo: ukufumana eyakho indawo wabelane nabanye kodwa ningangqubani
- Iintshukumo zamalungu omzimba uhamba: ukuhamba, ukutsibatsiba, ukubaleka ubheka phambili ubuye umva
- Iintshukumo uhleli ndawoninye: ukugoba amadolo, amagxa sijikelezise nesihlahla
- Ukufudumeza ilizwi: ukuziqhelanis nokuphefumla nokwakha / ukuyila imidlalo umz. ukuvuthela ikhandlela njalo njalo.
- Ukuqonda umzimba wakho uphicothe isithuba necala oya ngakulo ezantsi, phezulu, ecaleni usebenzisa umzimba okanye iziphazamisi
- Ukugcina isingqi esingangxamanga uqhwaba nihamba ngabane okanye nitsibatsiba ngababini
- Ukupholisa umzimba nokuphumla umz. 'ukunyibilikisa ikhandlela' 'ukukhupha umoya kwibhaluni'

Ukuqamba nokutolika

- Ukuphicotha iimilo nobunzima usebenzisa amazwi ahamba nentshukumo umz.ukugoba, indawo emxinwa, indawo ebanzi, ebobuboya, ukutsala ibhokisi enzima njalo njalo.
- Ukucula iingoma zesintu usebenzisa iintshukumo ezifanelekileyo ze ulinganise
- Ukuqamba izinto eziqhelekileyo ngokwamava akho kusapho nabantu basekuhlaleni umz. umhla wokuzalwa, umdlalo woonopopi
- Ukulinganisa eqongeni: Ukwenza amabali amafutshane ezivakalisi ezimbalwa, asekelwe kwibhokisi yezinto ezinomdla - kukhethwa into ize icingelwe ngokungathi iyaphila

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukuzoba umfanekiso wakho usebenzisaindidi zonxibelelwano ezahlukeneyo, iikhrayoni ezingqindilili okanye iitshokhwe
- Ukozoba ze upeyinte imifanekiso yakho unxibelelana nabanye
- Ukupeyinta ifotoyakho / umfanekiso wakho ufakele iimpawu zakho - amehlo, iindlebe, impumlo, nomlomo; xoxa ngeempawu ezisentloko, iimilo, umbala nemigca
- Ipateni ezishicilelweyo ngepeyinti engqindilili

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)

- Ukwakha ibhokisi usebenzisa izinto ezisebenzileyo; ugxininisa kwimilo zejiyometri, kuxoxwa ngezi milo

IKOTA YESI-2 IBANGA LOKU-1		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Jonga izixhobo ezidweliswe kwizaKhono zoBomi kwicandelo lesi-2 kwikota yoku-1

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-2. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezifundo zoBugcisa nobuGcisa obuBonwayo

Ubugcisa obenziwa eqongeni - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukuzifudumeza umzimba: ukujikelezisa izandla namaqatha, senza iimilo ngomzimba ezifana ezinkulu nezincinci ezivulekileyo nezivalekileyo
- Imidlalo yokuqina ugxininisa ekulawuleni umiliselo lweliso nokusetyenziswa kwesithuba
- Iintshukumo zamalungu omzimba okuhamba: ukuxhuma-xhuma, ukutsibatsiba nokugqabadula ubheka phambili nasemacaleni
- Iintshukumo zamalunga asembindini: ukuzivonya-vonya, ukujingisizandla uzigobela emacaleni
- Ukuphicotha iziqalo, phakathi, ekugqibeleni iingoma, amabali neentshukumo
- Ukukopa iintshukumo, izingqisho, iintsukumo zepateni ulandela ukhokelo ezifana ukuhamba, ukutsiba, ukuqhwaba
- Ukwahlulahlula amalungu omzimba usebenzisa iintshukumo umz. usalatha, ubhenqa iinyawo njalo njalo.
- Ukupholisa umzimba nokuphumla: imidlalo efana nokudanisa nomntwana, ukuhexa hexa / xengaxenga

Ukuqamba nokutolika

- Umdlalo wokulinganisa (ukungena ezihlangwini zomnye umntu)
- Ukwakha izivakalisi ezifutshane kwincoko yababini umz. incoko phakathi kwendlovu nempuku
- Iintshukumo ezifanele ukudlalwa kwiimeko ezithile umz. ngexesha lesidlo, egumbini lokufundela, ibhasi
- Ukucula iingoma usebenzisa uchasaniso umz. bacula ngokukhwaza nangokusebeza, ngokucotha nangokukhawuleza

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukupeyinta ngeminwe okanye ngebrashi usebenzisa imibala engundoqo ukufumana imibala exutyiweyo
- Ukwenza imizobo yosapho lwakho lusenza umsebenzi othile; kuxoxwa ngemigca neemilo
- Ukwenza imizobo uzipeyinte usenza into ethile; ukukhuthaza ingqwalasela yomzimba owenza intshukumo; ukubiza uxoxe ngamalungu asebenzayo

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)

- Ukwenza iimodeli usebenzisa udongwe: ukhuthaza ukusetyenziswa kwematiriyeli nezixhobo ezifanelekileyo
- Ukwakha izindlu/ amakhusi (iishelita) omfanekiso usebenzisa iibhokisi ezisebenzileyo nezinye izinto. . Ukhuthaze indlela efanelekileyo yokusetyenziswa kweglu.

IKOTA YESI-3 IBANGA LOKU-1		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Jonga izixhobo ezidweliswe kwizaKhono zoBomi kwicandelo lesi-2
Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-3. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezifundo zoBuGcisa noBuGcisa obuBonwayo **UbuGcisa obenziwa eqongeni - Iiyure ezili-10** **Imidlalo eyilwayo nezakhono** • Ukuzifudumeza umzimba umz. ukukhokelisa impumlo, ingqiniba, amadolo • Ukudibanisa amalungu okuhamba nangengawo awokuhamba usebenzisa intshukumo umz. baleka - jika, yiya phambili-shwabana - zolule - phakama • Ukubebezelisa (ukushukumisa) imilebe ubonisa intshukumo ethile umz. ukutya endikuthandayo, ukuvula isipho • Imidlalo egxininisa kufundo ngokubala nokubhala umz. iingoma nezicengcelezo usenza iimilo zezandi ngentshukumo • Izakhono zokumamela ngomculo usebenzisa iindidi zokunyuka, ukuleqa, nexesha • Ukupholisa umzimba nokuwuphumza: usebenzisa uqikelelo lwamazwi anjengala: ‘shwabana kancinci, khula kancinci’ **Ukuqamba nokutolika** • Ukukhetha nokwenza iintshukumo zakho ngezivakalisi utolika umxholo ekuqaleni nasekugqibeleni • Isingqi sokuqhwaba kathathu okanye kane. Shukuma uhambelana nomculo kathathu okanye kane • Ukulinganisa eqongeni imeko ecingelwayo usekele kumbongo ngentlalo yaseMzantsi Afrika ngoncedo lukatitshala **UbuGcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10** **Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)** • Ukuzoba nokupeyinta umzobo onguwo okanye owoqikelelo; ukukhuthaza ukuqonda iimilo neenkcukacha; sichaza imizobo yethu • Ukwenza imizobo usebenzisa iimodeli zezithuthi; ukhuthaze iimilo nemibala nochasaniso (umz. inkulu/incinci, inde/imfutshane) **Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)** • Ukwakha iimodeli zezinto oziqikelelayo usebenzisa udongwe lokudlala; ugxininise kwindlela eyiyo yokusebenzisa imathiriyeli nesithuba.		

IKOTA YESI-4 IBANGA LOKU-1		
EzobuGcisa	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhobo ezicetyiswayo** Jonga izixhobo ezidweliswe kwizaKhono zoBomi kwicandelo lesi-2

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-4. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezifundo zobuGcisa nobuGcisa obuBonwayo

Ubugcisa obenziwa eqongeni - Iiyure ezili-10

Imidlalo eyilwayo nezakhono

- Ukufudumeza umzimba: ukusebenzisa imigangatho eyahlukeneyo umz. ophezulu: ukukha iapile emthini, osezantsi: ukukhasa nophakathi: ukubuthuma
- Iintshukumo zamalungu omzimba uhamba: ukuxhuma-xhuma, ukutsiba, ukugqabadula, ukubaleka nokutsiba nomlingane nitshintsha-tshintsha amacala
- Iintshukumo uhleli ndawoninye: ukudibanisa ukuzibhija-bhija, ukujiwuzisa iingalo, ukugoba amacala nokutsiba
- Imidlalo yokuqhwaba nomlingane nikhulisa ukuqonda nokusebenzisana
- Ukuphulaphula umculo sichaze indlela esiva ngayo usebenzisa amazwi umz. wonwabile, ukhathazekile njalo njalo.
- Ukupholisa umzimba nokuwuphumza: umz. Igqabi liphephezela emoyeni

Ukuqamba nokutolika

- Ukubonakalisa izinto nezimvo kwintshukumo nezandi umz. ukulinganisa umatshini, inqwelo yezigulane ngabanye okanye ngamaqela
- Ukulinganisa eklasini ufakela ingoma/umbongo/ibali lembali yaseMzantsi Afrika ngentshukumo nokulinganisa eqongeni

Ubugcisa bokubonwayo - Iiyure ezili-10

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mabini (2D)

- Ukwenza imizobo okanye imizobo yepeyinti ehambelana nezihloko zekota. Gxininisa kwiintshukumo zomzimba, imigca, iimilo nemibala

Ukuyilwa kwezinto ezinembonakalo emacala-mathathu (3D) (ukwakha)

- Ukwenza iimodeli ngawe ukwintshukumo kwindawo yakho usebenzisa udongwe; kukhuthazwe ukuvakalisa uluvo lwakho, ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwematheriyeli nokuqonda isithuba

IKOTA YOKU-1 IBANGA LOKU-1		
EzemiThambo	**Iiyure ezingama-20**	**Izixhoba ezicetyiswayo kwikota yoku-1** Iibhinbhegi (*Bean bags*) neebhola Iziphawuli, oothinti, imichako, amaribhoni Usikhoji/uguni/unochelezi ophawulwe kumgangatho ococekileyo

Lo mxholo ungezantsi mawenziwe wonke kwikota yesi-3. Chonga izihloko kwizaKhono zoBomi eziza kwenziwa kule kota ukunika umxholo wezemiThambo , apho kufanelekileyo. Kungasetyenziswa neminye imisebenzi nemidlalo yesikolo. Mayilungiswe imisebenzi ukuze ilungele nabo banenkubazeko okanye abaneziphako zomzimba

Intshukumo / ukuhamba

- Ukuphepha nokuhamba kumacala awohlukeneyo
- Imidlalo yokuphepha ujikeleza oothinti utshintsha amacala
- Ukusebenzisa uvakalelo: ukujonga - imiqobo / izithintelo
- Ukusebenzisa uvakalelo: ukuva - ukumamela imiyalelo ngethuba ujikeleza

Ukuqonda intshukumo

- Ukuqengqa ibhola enkulu kumlingane
- Ukujulelana ngebhola
- Ukujula nokuganga ibhola enkulu

Isingqisho

- Usikhoji/uguni/unochele
- Ukudlala ugqaphu
- Ukucula izicengcelezo usebenzisa umzimba

Ukusebenzisana kwamalungu

- Ukujula nokubamba iibhin-bhegi
- Ukugwencela - ukuhamba ngeengalo utshele (ubambelele nkqi)
- Ukugwencela ukhwela ileli

Ukuxhathisa

- Imidlalo yokuphepha ujikeleza oothinti utshintsha amacala
- Ukuchonga iindlela ezahlukileyo uhamba uxhathisile phezu kwentambo
- Ukugwencela (ijangili jim) - ukungcekelela uxhathisile

Ukuziqhelanisa nesithuba

- Ukusebenzisa amalungu ovakalelo: - sithubelezisa umzimba phakathi kwemiqobo
